



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

GEC PILOT STUDY MARKING GUIDELINE 2022 ISIXHOSA HOME LANGUAGE GRADE 9

ICANDELO A

- *Inqaku elinye kwimpendulo nganye.*
- *Awekho amanqaku asisiqingatha.*
- *Korekisha (✓) impendulo echanekileyo ze ukrwele umqca ngezantsi kwimpendulo engachanekanga.*

Umbuzo 1

No.	Expected answer		
1.1	C	Wafunda ngayo encwadini	✓
1.2	C	izibane ezine	✓
1.3	C	khangela	✓
1.4	A	ngamaxesha onyaka	✓
1.5	B	Wala ukuwayeka amaphupha akhe.	✓
1.6	B	Wayefuna ukuphucula ubomi kwingigqi yakhe.	✓
1.7	B	Babethandabuza	✓
1.8	D	ukuphoxeka	✓
1.9	B	ubaxo	✓
1.10	B	Baneenkolelo	✓
1.11	A	Yayingakholeleki	✓
1.12	D	Izimvo zabantu ngoWilliam zatshintsha emva kokuqamba iiwindmill.	✓
1.13	D	Unobuchule kwaye uyakhuthaza.	✓
1.14	C	Wayengumntu onamaphupha.	✓
1.15	A	uloyiko, ukuxheleka, ibunile	✓
1.16	B	Iphupha likaWilliam lanceda uluntu lwengigqi yakhe.	✓
1.17	A	isihloko sencwadi.	✓
1.18	C	Wayesebenza nzima, ezingisa.	✓
1.19	B	khuthazayo.	✓
1.20	D	Abafundi abathanda amabali akhuthazayo	✓

No.	Expected answer		
1.21	A	Abafundi babanovelwano ngabantu baseMalawi.	✓
1.22	D	'ishiye ifama yosapho lwakhe isebugxwayibeni'	✓
1.23	B	Amanzi ayeza kufumaneka ngexesha lembalela.	✓
1.24	D	ukudala umdla kwisicatshulwa.	✓
1.25	B	Ukuzimisela nokusebenza nzima kunokutshintsha ubomi.	✓

Umbuzo 2

No.	Expected answer		
2.1	C	isibizo esakhiwe kwesinye isibizo	✓
2.2	C	isivakalisi esintsokothileyo	✓
2.3	A	iplanethi	✓
2.4	D	'ukudana'	✓
2.5	A	ibinzana lesichazi	✓
2.6	B	nangona	✓
2.7	B	isihlomelo	✓
2.8	C	Ama/u	✓
2.9	C	Ixesha elininzi lichithwa sithi ngokuthetha ngotshintsho lwemozulu.	✓
2.10	C	ukwala ukuya esikolweni	✓
2.11	B	uko	✓
2.12	B	ube	✓
2.13	D	ukubonisa isihloko	✓
2.14	A	sokukhomba	✓
2.15	A	impumelelo	✓
2.16	B	UGreta, kunye noyise baya kwintlanganiselo yoTshintsho lweMozulu ngokuhlwanje.	✓
2.17	D	Wabuza uGreta ukuba kutheni evakala edakumbe kakhulu ngoloo mini.	✓
2.18	A	Ulutsha alukhathali ngemicimbi yehlabathi.	✓
2.19	D	kunye	✓
2.20	B	Umhlaba usenkathazweni yobushushu obugqithisileyo.	✓

QAPHELA: Umbuzo 3.1 no 3.2 mazirekhodishwe zonke ngaxeshanye njengexalenye yombuzo 3.

Umbuzo 3.1

No.	Expected answer		
3.1.1	B	Bonakalisa ububele	✓
3.1.2	D	abafundi	✓
3.1.3	B	Ukomeleza umyalezo wesihloko	✓
3.1.4	A	isimntwiso	✓
3.1.5	C	intsebenziswano.	✓

ICANDELO B

- Musa ukunyibela umfundi amangaku ngempazamo enye kaninzi.
- Akunikezelwa iziqingatha zamanqaku.
- Krwela umgca ngaphantsi kweempazamo ezenziwe ngabafundi, ungawubeki umqamlezo.

Umbuzo 3.2

No.	Expected answer	Rationale/Clarification	Mark
3.2.1	Eteksini✓ OKANYE Ebhasini✓ OKANYE Emotweni ✓ OKANYE Kwisithuthi sikawonke-wonke✓ OKANYE Endleleni ✓	Mphe inqaku lokubhekisa kuso nasiphi na isithuthi esifanelekileyo.	1
3.2.2	umkhweli✓ OKANYE umntwana ✓ OKANYE Ulutsha ✓ (yamkela nasini na isini somntwana)	Yamkela ezinye iimpendulo ezivumelekileyo. Akukho nqaku labiwayo ukuba impendulo ibhekisa kumqhubi.	1
3.2.3	Ukuthumela imiyalezo kunye nokuqhuba✓ OKANYE Ukufunda imiyalezo xa uqhuba ✓ OKANYE Ukujonga umnxeba xa uqhuba ✓ OKANYE Ukuphazanyiswa umnxeba xa ufunda ✓	Yamkela nayiphi na impendulo ebambekayo/echanekileyo.	1

No.	Expected answer	Rationale/Clarification	Mark
3.2.4	<p>Ufunda okubhaliweyo malunga nokhuseleko ngeli lixa aqhubayo, nto leyo engakhuselekanga. ✓</p> <p>OKANYE</p> <p>Ukufunda ngamacebiso okhuseleko akuzange kuyithintele ingozi ebekuyo. ✓</p> <p>OKANYE</p> <p>Wenza umsebenzi ongakhuselekanga (ukuthumela imiyalezo kunye nokuqhuba) ngeli lixa ezama ukukhuseleka? Amacebiso okukhuseleka asuka kwi-(arrive.mobi) ✓</p>	<p>Nika inqaku-kumahluko phakathi kwamacebiso okhuseleko okufunda nokuqhuba ngokungakhuselekanga.</p>	1
3.2.5	<p>Umqhubi ungqube enye imoto ✓</p> <p>OKANYE</p> <p>Imoto yamapolisa. ✓</p> <p>OKANYE</p> <p>UMama Taxi wenza ingozi. ✓</p> <p>OKANYE</p> <p>UMama Taxi wangena kwimoto ephambi kwakhe. ✓</p> <p>OKANYE</p> <p>UMama Taxi wangena kule moto esalibele kukujonga ifowuni yakhe. ✓</p> <p>OKANYE</p> <p>UMama Taxi wangquba imoto yamapolisa. ✓</p>	<p>Inqaku eli-1 ngokuchaza iziganeko ngokuchanekileyo kwisakhelo-4.</p>	1

No.	Expected answer	Rationale/Clarification	Mark
3.2.6	<p><u>Imvakalelo</u></p> <p>Umntu okhwele kule moto uyoyika. ✓</p> <p>OKANYE</p> <p>Uyucaphuka ✓</p> <p>OKANYE</p> <p>Uyathukuthezelwa ✓</p> <p>OKANYE</p> <p>ukhathazekile ✓</p> <p>OKANYE</p> <p>uxhalabile✓</p> <p>OKANYE</p> <p>unoxinzelelo ✓</p> <p><u>Izizathu</u></p> <p>Amehlo akhe avulekile/athe gqa. ✓</p> <p>OKANYE</p> <p>Intshiyi zinyukile ✓</p> <p>OKANYE</p> <p>Umlomo uvulekile/uthe nqekre. ✓</p> <p>OKANYE</p> <p>Umlomo ujikile kwelinye icala. ✓</p> <p>OKANYE</p> <p>Uhlalela kude kumqhubi. ✓</p> <p>OKANYE</p> <p>Amadolo akhe uwasondeze esifubeni sakhe✓</p> <p>OKANYE</p> <p>Uhleli ekoneni yemoto ✓</p>	<p>Nika amanqaku ama-2 ngokumakisha uthethekelelo oluchanekileyo ngovakalelo lwabalinganiswa kunye nokuqinisekisa ukuthethekelela koko kubonwayo.</p> <p>Nika inqaku eli-1 lokubonelela ngezijekulo zomzimba ezichanekileyo ukuxhasa uvakalelo olunikiweyo.</p> <p>Akanikwa manqaku xa ubungqina bungahambelani novakalelo.</p>	2
3.2.7	<p>Musa ukuthumela imiyalezo ngonomyayi ngeli lixa uqhubayo. ✓</p> <p>OKANYE</p> <p>Qwalasela OKANYE umamele abakhweli abakule moto yakho. ✓</p> <p>OKANYE</p> <p>Gcina amehlo akho esendleleni xa uqhuba.✓</p> <p>OKANYE</p> <p>Musa ukufunda imiyalezo kwifowuni yakho ngeli lixa uqhubayo.✓</p> <p>OKANYE</p> <p>Landela oku uufundayo. ✓</p> <p>OKANYE</p> <p>Beka umnxeba ecaleni xa uqhuba. ✓</p>	<p>Yamkela nayiphina impendulo echanekileyo.</p>	1

No.	Expected answer	Rationale/Clarification	Mark
3.2.8	<p>Ewe. ✓</p> <p>Umqhubi wayenakho ukuyiphepha ingozi. ✓</p> <p>OKANYE</p> <p>Ukuba umqhubi wayesoloko eqwalasele endleleni ebengayi kuba kuloo ngozi. ✓</p> <p>OKANYE</p> <p>Umqhubi uzakuba sengxakini namapolisa. ✓</p> <p>OKANYE</p> <p>Hayi. ✓</p> <p>Kufuneka abe nefowuni yakhe kufutshane naye ukulungiselela amaxesha kaxakeka. ✓</p> <p>OKANYE</p> <p>Kufuneka awazi amacebiso okhuseleko xa eqhuba. ✓</p>	<p>Amanqaku ama-2</p> <p>okuphonononga iintshukumo zabalinganiswa kunye nokuxhasa olu phononongo ngokuchanekileyo.</p> <p>Uphononongo lunokuchazwa kubungqina.</p> <p>Yamkela nayiphi na impendulo efanelekileyo phakathi ko-ewe kunye no-hayi kwimpendulo.</p> <p>Xa ephendule u-ewe okanye u hayi ngaphandle kobungqina obufanelekileyo, akanikwa manqaku.</p>	2

Umbuzo 4: Isishwankathelo

IINGONGOMA EZICETISWAYO: Naziphi na iingongoma ezisi-7 kwezi zilandelayo okanye ezifanayo

1.	Cela uncedo kwiingcali yesayikholoji yezifundo malunga nokulindelekileyo kwilizwe lomsebenzi. ✓	<p>UMXHOLO: Inqaku eli-1 ngenqaku ngalinye elifanelekileyo nelihambelanayo = amanqaku asi-7</p> <p>Musa ukohlwaya ngeempazamo zopelo negrama ezingatshintshiyo intsingiselo yengongoma.</p> <p>ULWIMI: <i>Ukuthintela intsonkotha yokuba amanqaku olwimi odlula amanqaku, yabela amanqaku olwimi njengoko kubonisiwe ngezantsi.</i></p> <p>1-3 amanqaku achanekileyo = + 1 inqaku 4-5 amanqaku achanekileyo = + 2 amanqaku 6-7 amanqaku achanekileyo = + 3 amanqaku</p> <p><i>Musa ukuthabatha amanqaku ngefomathi engachanekanga okanye ngokucaphula ngokuthe ngqo kwitekisi okanye ngenxa yokubala amagama angachanekanga OKANYE angekhoyo.</i> <i>Korekisha ngokukhomba phezulu de ufikelele kwinani lamagama alindelekileyo ungawahoyi amanye.</i> <i>Musa ukohlwaya ngenxa yokungacwangciswa.</i> <i>Korekisha isigwangciso ukuba esokugqibela asenziwanga OKANYE asigqitywanga.</i></p>	10
2.	Thetha nomcebisi wemfundo yeziko eliphakamileyo ukuze ufumane iingcebiso. ✓		
3.	Phanda iwebhusayithi zeyunivesithi okanye zekhohleji ngezifundo ezikhoyo kunye neemfuno zokungena. ✓		
4.	Khetha izifundo ezikonwabisa. ✓		
5.	Khetha izifundo ezikhokelela kwimisebenzi ezinzileyo/ezonwabisa. ✓		
6.	Musa ukukhetha izifundo ezisekele ekubeni zifundiswa ngubani. ✓		
7.	Musa ukukhetha kuba kunciphisa amathuba ekuhambeni kwexesha. ✓		
8.	Fikelela kwindlela yokwenza izigqibo ngokuzolileyo kangangoko unakho. ✓		
9.	Qala ukuqwalasela izinto onokukhetha kuzo ukususela ekuqaleni kwebanga le-9 okanye kwibanga lesi-8. ✓		
10.	Khetha izifundo ezifana neMathematika ukuvula izithuba zemisebenzi. ✓		